

# **FURTHER EDUCATION AND TRAINING PHASE (FET) ISIXHOSA HL SBA AND ORAL EXEMPLAR BOOKLET GRADES 10-12**

## INGABULA-ZIGCAWU



ISebe leMfundu eSisiseko linovuyo lokukhupha le ncwadana yesifundo yemizekelo yemisebenzi yohlolo lwasesikolweni ukunceda nokukhokela ootitshala ekuseteni nokuqulunqa imisebenzi yohlolo esemgangathweni kunye nezixhobo zokuhlola. Le ncwadana ibhalwe liqela labacebisi ukunceda ootitshala ukuze bakwazi ukusebenzia iindlela zokufundisa ukuphucula indlela abaqhuba ngayo abafundi, umgangatho kunye nendlela yokwenza imisebenzi yohlolo lwasesikolweni.

Injongo yale ncwadana yemisebenzi yohlolo lwasesikolweni kukuphucula umgangatho wokufundisa nowokuhlola (Ukuhlola okusesikweni nokuhlola okungekho sesikweni) kunye nendlela abafunda ngayo nabaqonda ngayo oko kufundiswayo. Ukuhlola nokufunda yinkubo eqhubekayo eyenzeka xa kufundiswa, kufundwa naxa kuhlolwa. Ukuphucula umgangatho wendlela abaqhuba ngayo abafundi, uhlolo kufuneka lunchede, lukhokele ukufundisa okusemgangathweni.

Imisebenzi yohlolo olusesikweni lwasesikolweni ngundoqo wokufunda nokufundisa, ibonisa umgangatho wokufunda nokufundisa. Iimfuno zabafundi azifunyanwa nje ngohlolo qha ukuze zifezekiswe, kodwa luncheda ukuphucula umgangatho wokufundisa nokufunda. Ulwazi olufumaneka kumgangatho wohlolo luncheda utitshala ukuba acwangcise isifundo ngendlela yokuphucula iziphumo zokufundisa.

Imisebenzi yohlolo kufuneka iqulunqwe ngobuchule ukuze ichaphazele ikhontenti, izakhono zesifundo kunye namazinga obunzima okuqonda afanelekileyo. Uhlolo ukuze lube lufanelekile kufuneka utitshala aqiniseke ukuba abafundi bawuqondile umxholo kwaye bebekhe benziswa imisebenzi yohlolo engekho sesikweni phambi kokuba babbale umsebenzi wohlolo osesikweni.

Imizekelo yemisebenzi yohlolo ekule ncwadana, yenziwe yaba semgangathweni ophezulu kwisifundo, injongo kukubonisa imizekelo efanelekileyo yemisebenzi yohlolo olusesekweni nolungekho sesikweni. Ootitshala bayakhuthazwa ukuba basebenzisse le mizekelo njengesikhokelo ekuseteni eyabo imisebenzi yohlolo esesikweni nengekho sesikweni.

A handwritten signature in black ink, appearing to read "Mnumzana HM MWeli".

**MNUMZANA HM MWELI  
UMLAWULI OYINTLOKO  
UMHLA: 13/09/2017**

**Isiquulatho**

1.	Intshayelelo .....	3
2.	Iinjongo .....	3
3.	Imisebenzi yokuhlola .....	3
4.	Inkqubo yokuHlola (POA) .....	4
5.	Inkqubo yokuqinisekisa umgangatho .....	9
6.	Amazinga okuqonda nawobunzima oLwimi .....	11
	Amazinga okuqonda .....	11
	Amazinga obunzima .....	12
7.	Imizekelo yemisebenzi yokuhlola kwasesikolweni neeMemo: .....	13

## 1. Intshayelelo

*Akukho sigqibo esinokwenziwa ngootitshala  
esinegalelo elikhulu kumathuba abafundi  
ngesifundo eso ngaphandle kokukhetha  
ngobuchule imisebenzi yesifundo*

### **Ukuhlola yinkqubo yokuphonononga ulwazi, ukuqonda nezakhono ezifunyenwe ngumfundi.**

Ukuhlola kwasesikolweni (SBA) kwensiwa ngutitshala kwinqanaba lasesikolweni, kunye neemvavanyo, oko kuthetha ukuhlola inkqubo yomfundu ngokubhekiselele kumgangatho wekharityhulam.

Ukuhlola kwasesikolweni (SBA) kungenziwa ngokwamanqanaba ahlukeneyo enkqubo yokufunda, njengoko kuchaziwe kwiCandelo lesi-4 leNkcazel yePolisi yeSizwe yeKharityhulam nokuHlola, kwaye iziphumo zokuhlola ziyarekhodishwa ze zibe yinxalenye yeziphumo zokuphela konyaka okanye zesiqinisekiso sebanga.

Noxa kunjalo, ukuhlola makusoloko kunegalelo ekufundeni komntwana nakwinkqubela phambili yakhe. Ukuhlola kwasesikolweni kukwanika iinkcukacha zolwazi, ukuqonda kunye nezakhono ezifunyenwe ngumfundi, kwaye kusetyenziselwa ukuze kube negalelo ekufundeni ngokugqibeleleyo

## 2. Injongo

Injongo yesi sikhokhelo:

- Kukunika imizekelo yemisebenzi yokuhlola eqinisekisiweyo yamabanga e10-12 ngeenjongo zokupuhlisa ootitshala ekuqulunqeni imisebenzi yokuhlola kwasesikolweni.
- Kukunika umkhombandlela kootitshala xa bequlunqa imisebenzi yokuhlola yasesikolweni.
- Kunye nokwandisa ngokunzulu ulwazi lwamazinga okuqonda omsebenzi.

## 3. Imisebenzi yokuhlola

Imisebenzi yokuhlola kwasesikolweni (SBA) ekule ncwadana iquka imisebenzi ye-orali neyokubhala yebanga le-10-12 njengoko idwelisiwe kwinkqubo yokuhlola kuxwebhu IweNkcazel yePolisi yeSizwe yeKharityhulam nokuHlola (CAPS); Imisebenzi ye-orali iquka ukuphulaphulela ukuqonda, intetho elungiselelwango nentetho engalungiselelwango. Imisebenzi yokubhala iquka izincoko nemihlathi kwaye mayibhalwe kusetyenziswa inkqubo yokubhala.

#### **4. Inkqubo yokuhlola (PoA)**

Inani lemisebenzi esesikweni yokuhlola kwasesikolweni yeelwimi zonke ezisesikweni zilishumi elinanye zizonke. Ukwenza yonke le misebenzi esesikweni phakathi enyakeni kuya kuqinisa izakhono zolwimi zabafundi kunye nolwazi lomxholo olwaneleyo ukuze bakwazi ukuphumelela kakuhle kwiimviwo zokuphela konyaka.

Imisebenzi elishumi elinanye **yamabanga e-10-11** iquka imisebenzi yovavanyo emibini (ikota yoku-1 nekota yesi-3), imisebenzi emine yeorali (ikota e-1-4), umsebenzi woncwadi omnye (ikota yesi-2), isincoko esinye (ikota e-1) kunye nomhlathi omnye (ikota e-1) Uviwo lwaphakathi enyakeni (ikota yesi-2) Uviwo lokuphela konyaka (ikota yesi-4)

Imisebenzi elishumi **yebanga le-12** iquka uvavanyo olunye (ikota e-1), imisebenzi emine yeorali (ikota e-1-3), uviwo lwaphakathi enyakeni (ikota yesi-2), uviwo lwamalungiselelo (ikota yesi-3), umsebenzi woncwadi omnye (ikota yesi-2), isincoko esinye (ikota e-1) kunye nomhlathi omnye (ikota e-1)

**Imisebenzi ye-orali** yenza umlinganiselo ongama - 25% wemisebenzi eyenziwa esikolweni ekufuneka igqityiwe. Imisebenzi ye-orali eyenziwe apha enyakeni iyinxalenye yemisebenzi yokuhlola yasekupheleni konyaka yamabanga e-10-11 kunye nokuhlola kokuphela konyaka kwangaphandle kwibanga le-12. Imisebenzi ye-orali yenza umlinganiselo wama 12,5% yamaphepha asekupheleni konyaka (Iphepha 4) kumabanga e-10-12.

Kumabanga e-10-11 **imisebenzi ye-orali** mayigqitywe ngokomlinganiselo weeyure ezintlanu kwikota yoku-1 neye- 3 kunye neeyure ezine kwikota yesi-2 neyesi- 4.

Kwibanga le-12 **imisebenzi ye-orali** mayigqitywe ngokomlinganiselo weeyure **ezintlanu** kwikota yoku-1 kunye neeyure ezine kwikota yesi-2 neyese- 3.

Kumabanga e10-11 **imisebenzi yokubhala** mayigqitywe ngokomlinganiselo weeyure ezingamashumi amabini kwikota yoku-1 neye-3 kunye neeyure ezilishumi elinesithandathu kwikota yesi-2 neyesi- 4. Kwibanga le-12 imisebenzi yokubhala mayigqitywe ngokomlinganiselo weeyure ezingamashumi amabini kwikota yoku-1 kunye neeyure ezilishumi elinesithandathu kwikota yesi-2 neyesi-3.

**Yonke imisebenzi yokuhlola yasesikolweni (SBA) yenza** umlinganiselo wama-25% yemisebenzi yonke yokuhlola kwasesikolweni emayenziwe. ULwimi lwaseKhaya lugxila ekubhalweni kwezincoko nemihlathi. Inkqubo yokubhala iitekisi mayenziwe ngexesha elabelweyo.

#### 4.1 Inkqubo yokuhlola

Inkqubo yokuhlola yamabanga e-10-11 kunye nebanga le- 12 ngokweNkcazel o yeKharityhulam yeSizwe (NKS) ibonisa inani kunye neendidi zemisebenzi ngokwekota.

#### Ibunga le-10 nele-11

Ikota yoku-1	Umsebenzi woku- 1	Umsebenzi wesi-2	Umsebenzi wesi-3	Umsebenzi wesi-4
	*. I-Orali: Ukuphulaphulela ukuqonda (Amanqaku: 15)/ intetho elungiselelwego (amanqaku: 10) / intetho engalungiselelwango (amanqaku: 15)	<b>Ukubhala:</b> <b>(Amanqaku:</b> <b>50)</b> Isincoko esibalisayo / esichazayo / esixoxayo (Kwibanga le- 10) Ukubhala: isincoko esonocamngco/ esivelela amacala amabini ngokulinganayo / esixoxayo (Kwibanga le- 11)	<b>Ukubhala: (Amanqaku</b> <b>25)</b> Imihlathi: Ileta yobuhlobo/esesikweni (yesicelo somsebenzi/ yoshishino) /ileta eziya kumhleli/isivi neleta eyikhaphayo/i- obhitshwari/i-ajenda nemizuzu yentlanganiso/ Ingxelo/irivyu/inqaku Iephephanda/inqaku Iemagazini/intetho/ingxoxo yababini/udliwanondlebe	<b>**Uvavanyo</b> <b>loku-1</b> <b>(Amanqaku: 35)</b> Isicatshulwa, isishwankathelo, Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
<b>Amanqaku ewonke</b>	<b>10 / 15</b>	<b>50</b>	<b>25</b>	<b>35</b>

Ikota yesi-2	Umsebenzi wesi-5	Umsebenzi wesi-6	Umsebenzi wesi-7
	**I-Orali: Ukuphulaphulela ukuqonda( amanqaku:15)/ intetho elungiselelwego (amanqaku: 10) / intetho engalungiselelwango (amanqaku: 15)	<b>Uncwadi: (Amanqaku:35)</b> Imibuzo emifutshane (Amanqaku:10) Isincoko soncwadi (Amanqaku angama-25)	<b>limviwo zaphakathi enyakeni:</b> <b>(amanqaku:250)</b> Iphepha loku-1-Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni (amanqaku :70) Iphepha lesi-2-Uncwadi (amanqaku :80) Iphepha lesi-3-Ukubhala (kungabhalwa ngekaCanzibe/ ngoMeyi/ ngeyeSilimela/ ngoJuni) (amanqaku:100)
<b>Amanqaku ewonke:</b>	<b>10/15</b>	<b>35</b>	<b>250</b>

Ikota yesi-3	Umsebenzi wesi-8	Umsebenzi we-9
	<b>I-orali:</b> Ukuphulaphulela ukuqonda (amanqaku: 15) / intetho elungiselelweyo (amanqaku: 10) / intetho engalungiselelwanga (amanqaku: 15)	<b>Uvavanyo Iwesi-2: (Amanqaku: 35)</b> Uncwadi Imibuzo emifutshane (amanqaku: 10) Isincoko soncwadi (amanqaku: 25)
Amanqaku ewonke:	10/15	35

Ikota yesi-4	Umsebenzi we-10	Umsebenzi we-11
	<b>I-orali:</b> Ukuphulaphulela ukuqonda (amanqaku: 15) / intetho elungiselelweyo (amanqaku: 10) / intetho engalungiselelwanga (amanqaku: 15)	<b>Uviwo lokuphela konyaka (amanqaku :300)</b> Iphepha loku-1-Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni (amanqaku :70) Iphepha lesi-2-Uncwadi (amanqaku :80) Iphepha lesi-3-Ukubhala (amanqaku: 100) Iphepha lesi-4: ii-orali (amanqaku :50)
Amanqaku ewonke:	10/15	35

\***Iorali:** Abafundi mabenze umsebenzi wokuphulaphulela ukuqonda ube mnye, iintetho ezilungiselelweyo ezimbini kunye nentetho engalungiselelwanga enye kulungiselelwu ukuhlola okusesikweni apha enyakeni.

\*\***Uvavanyo loku-1** lusenokusetelwa amanqaku **angama-35**, okanye ukuba angaphezulu, **mawaguqulelwe kumanqaku angama-35**. Nangona kucetyiswa ukuba *isicatshulwa*, *isishwankathelo*, *Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi zidityaniswe xa zibhalwa*, ootitshala bayacelwa ukuba bayile udityaniso lwemiba ngokweemeko zezikolo zabo (inkubo yovavanyo, ukwabiwa kwexesha, njalo njalo).

Uvavanyo IweNkqubo yokuhlola malube lunye hayi uthotho lweemvavanyo ezininzi ezimfutshane. Uvavanyo ngalunye kufanele luuke isixa esikhulu somxholo kwaye luthabathe imizuzu engama-45 - 60 lubonise amazinga ohlukaneyo engqiqo kanye okwamaphepha eemviwo.

## Ibunga le-12

Ikota yoku-1	Umsebenzi woku-1	Umsebenzi wesi-2	Umsebenzi wesi-3	Umsebenzi wesi-4	Umsebenzi wesi-5
	* <b>Iorali:</b> Ukuphulaphulela ukuqonda (amanqaku: 15) / intetho elungiselelweyo (amanqaku: 10) / intetho engalungiselelwan ga (amanqaku: 15)	<b>Ukubhala:</b> <b>(Amanqaku : 50)</b> Isincoko esibalisayo / esichazayo / esivelela amacala amabini /esocamngc o/ esixoxayo	<b>Ukubhala:</b> <b>(Amanqaku:25)</b> imihlathi: ileta yobuhlobo / esesikweni (yesicelo / yesikhala / yesicelo somsebenzi / yoshishino) / iileta eziya kumhleli / isivi neleta eyikhaphayo / i- obhitshuwari / i- ajenda nemizuzu yentlanganiso / ingxelo / irivy / inqaku lephephanda / inqaku lemagazini / intetho / ingxoxo yababini / udliwanondlebe	<b>Iorali:</b> Ukuphulaphulela ukuqonda (amanqaku: 15) / intetho elungiselelweyo (amanqaku: 10) / intetho engalungiselelwan ga (amanqaku: 15)	<b>Uvavanyo</b> <b>loku-1:</b> <b>(Amanqaku:</b> <b>35)</b> Isicatshulwa, isishwankathel o, izakhi nemigaqo yokusetyenzis wa kolwimi
Amanqaku ewonke	10/15	50	25	10/15	35

Ikota yesi - 2	Umsebenzi wesi-6	Umsebenzi wesi-7	Umsebenzi wesi-8
	<b>Uncwadi:</b> (amanqaku: 35) Imibuzo emifutshane (amanqaku: 10) Isincoko soncwadi (amanqaku: 25)	<b>Iorali:</b> Ukuphulaphulela ukuqonda (amanqaku: 15) / intetho elungiselelweyo (amanqaku: 10) / intetho engalungiselelwanga (amanqaku: 15)	<b>limviwo zaphakathi</b> <b>enyakeni:</b> <b>(amanqaku:250)</b> Iphepha loku-1- Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni (amanqaku :70) Iphepha lesi-2-Uncwadi (amanqaku :80) Iphepha lesi-3-Ukubhala (kungabhalwa ngekaCanzibe/ ngoMeyi/ ngeyeSilimela/ ngoJuni) (amanqaku:100) <b>OKANYE</b> Uvavanyo olubhaliweyo
Amanqaku ewonke	35	10/15	250

Ikota yesi-3	Umsebenzi we-9	Umsebenzi we-10
	<b>Iorali:</b> Ukuphulaphulela ukuqonda (amanqaku: 15) / intetho elungiselelwego (amanqaku: 10) / intetho engalungiselelwanga (amanqaku: 15)	<b>limviwo zamalungiselelo: (amanqaku:250)</b> Iphepha loku-1- Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni (amanqaku :70) Iphepha lesi-2-Uncwadi (amanqaku :80) Iphepha lesi-3-Ukubhala (amanqaku:100) <b>OKANYE</b> Uvavanyo olubhaliwego
Amanqaku	10/15	250

\***Iorali:** Abafundi mabenze umsebenzi wokuphulaphulela ukuqonda ube mnye, iintetho ezilungiselelwego ezimbini kune nentetho engalungiselelwanga enye kulungiselelwu ukuhlola okusesikweni apha enyakeni.

\*\***Uvavanyo loku-1** lusenokusetelwa amanqaku **angama-35**, okanye ukuba angaphezulu, **mawaguqulelwe kumanqaku angama-35**. Nangona kucetyiswa ukuba *isicatshulwa, isishwankathelo, Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi zidityaniswe xa zibhalwa, ootitshala bayachelwa ukuba bayile udityaniso lwemiba ngokweemeko zezikolo zabo* (inkqubo yovavanyo, ukwabiwa kwexesha, njalo njalo).

Uvavanyo IweNkqubo yokuhlola malube lunye hayi uthotho Iweemvavanyo ezininzi ezimfutshane. Uvavanyo ngalunye kufanele luuke isixa esikhulu somxholo kwaye luthabathe imizuzu  
engama-45 - 60 lubonise amazinga ohlukeneyo engqiqo kanye okwamaphepha eemviwo.

\*\*\*limviwo zaphakathi enyakeni nezamalungiselelo zeyoMsintsi/zikaSeptemba: KwiBanga le-12 omnye wemisebenzi ekwiKota yesi-2 kune/okanye neKota yesi-3 mawube luvivo lwasesikolweni/lwangaphakathi. Kwiimeko apho kubhalwe uviwo olunye lwasesikolweni/lwangaphakathi kwezi zimbini zeBanga le-12, endaweni yolu lungabhalwanga kungabhalwa uvavanyo ekupheleni kwekota (Umsebenzi wesi-8 nowe-10)

## 5. Inkqubo yokuqinisekisa umgangatho (Quality Assurance Process)

Ukuqinisekisa umgangatho wokuhlola kwasesikolweni yinkqubo ecwangcisiweyo nesemgaqweni yokuqinisekisa ukuba imisebenzi ilandele imiqathango, ithembekile, iyenzeka kwaye iyaxhobisa ikwalungele bonke abafundi kwaye ikhuthaza intembeko yoluntu kwinkqubo yokuhlola okusesikweni okwensiwa esikolweni. Oku kungaquka yonke imisebenzi eyenziwayo ukuxhobisa abafundi, ukuze bakwazi ukulungela ukuchophela imisebenzi yokuhlolwa ngokusesikweni.

Le ncwadana igxile ngakumbi kwinkqubo yokuqulunqa imisebenzi esemgangathweni yokuhlola kwasesikolweni.

### *Ukuqulunqa/zokuseta imisebenzi*

Izikhokelo zokuqulunqa/zokuseta imisebenzi esemgangathweni yokuhlola okwensiwa esikolweni.

- Yazi ikharityhulam neemfuno zayo ukuze ukwazi ukukhetha ulwazi, ukuqonda nezakhona eziza kuhlola.
- Qinisekisa ukuba ukuhlola kunika abafundi ithuba lokubonisa ulwazi olufunekayo, ukuqonda nezakhono ukuze bamelane nomgangatho kazwelone.
- Qinisekisa ukuba okuhlolwayo kuyafikeleleka kubo bonke abafundi.
- Qinisekisa ukuba umgangatho wokufunda osetyenzisiweyo ufanelekile. Izixhobo zokuhlola umgangatho wokufunda zikhona.
- Qinisekisa ukuba uhlolo aludleleleli bafundi bathile.
- Qinisekisa ukuba zonke izixhobo zokuhlola zingezinto ezamkelekileyo eluntwini jikelele kwaye zikhuthaza ukulingana.
- Ixesha ungalilibali kuyo yonke into oyenzayo.

Impawu emaziqwalaselwe xa kuqulunqwa/zokuseta iimvavanyo neemviwo:

- Ulwimi olusetyenziswe kwphepha lemibuzo malungabi ngumqobo.
- Ulwabiwo lwamanqaku maluhambelane nombuzo. Umzekelo umbuzo ofanele amanqaku amabini mawunikwe amanqaku amabini
- Kwimeko apho kusetyenziswe amaphepha eemviwo ezigqithileyo, mayingathathwa imibuzo njengoko injalo
- Iphepha loviwo maliqulathe onke amazinga okuqonda ngendlela efanelekileyo (oko kukuthi imibuzo ekwizinga eliphaksi= 40%, eliphakathi= 40% eliphezulu= 20%)
- Umgangatho wephepha mawuhambelane nebanga.
- Imemorandum iyaluvumela uluhlu lweempendulo ezichanekileyo, ingakumbi imibuzo evulelekileyo. (open-ended question)
- Zonke iintlobo zemibuzo mazisetyenziswe (Jonga kwiNkcazeloyeKharityhulam yeSizwe Iphepha 82-83) (CAPS Document)

Ukumiliselwa komgangatho owamkelekileyo kujoliswe ekuxhobiseni nasekukhuliseni izakhono zootitshala zokufundisa nokuhlola ukuze kwakheke isizwe. Xa sisabelana ngolu lwazi umgangatho uyaphucuka ngokufanayo kwizikolo zonke ezibandakanyekayo.

#### *Ukuphononongwa kwemisebenzi*

Ukuphonononga yinkubo elandelwayo ukufikelela kwisiggibo esithile esilindelekileyo emva kokuhlola. Ukuphonononga kunceda ukuba abafundi babe balungiselelw ebetonke ngokwamaqondo okuqiqa kwabo ukuze babe nekamva eliqaqambileyo.

Imisebenzi mayiphononongwe ngabo bonke abathathi nxaxheba phambi kokuba ibhalwe ukuqinisekisa ukuba umsebenzi usemgangathweni ofanelekileyo, kwaye ulungele bonke abafundi.

Ukuphonononga umsebenzi wokuhlola makwenziwe kusetyenziswa le khrayitheriya ilandelayo:

- Imisebenzi yohlolo mayihambelane neNkcazel yePolisi yeSizwe yeKharityhulam nokuHlola (NKS); (makubekho uthungelweno phakathi kwemisebenzi yohlolo neNkcazel yePolisi yeSizwe yeKharityhulam nokuHlola)
- Imisebenzi yokuhlola nezixhobo ilandele imiqathango, ithembekile, iyenzeka
- Imiyalelo ehambelana nemisebenzi yokuhlola mayicace gca;
- Umxholo mawube ngulowo abafundi bebewufundisiwe;
- Umsebenzi wokuhlola mawungathabathi cala;
- Ulwimi olusetyenziswe kumsebenzi wokuhlola malube lolo lukumgangatho wabafundi abo umsebenzi wenzelwa bona; kwaye
- Amazinga obunzima emisebenzi yokuhlola mawabe kwinqanaba elingatshintshatshintshiyo kwiimfuno njengoko zixeliwe kwiNkcazel yePolisi yeSizwe yeKharityhulam nokuHlola (CAPS);

Ukubandakanya ootitshala kwinkqubo yokuqulunqa/ yokuseta neyokuphonononga yeyona ndlela iphucukileyo yokubaxhobisa nokubakha.

Elinye inqanaba lophononongo liya kuthi lenziwe emva kokuba umsebenzi ohlolwayo ubhalisiwe.

## 6. Imigangatho yamazinga obunzima kwiiLwimi.

*Imibuzo ayibuzwa ngendlela efanayo-yahluka  
ngokweemfuno zamazinga ahlukeneyo okuqonda  
efanele udidi olo lombuzo*

### Amazinga okuqonda

Amazinga okuqonda ombuzo luhlobo kanye nomgangatho wokucinga komfundu ukuze akwazi ukuphendula umbuzo ngempumelelo.

- Imibuzo ekwizinga eliphezulu yileyo ifuna ukuba umfundu asebenzise ulwazi analo ukuphuhlisa, axhase loo nto ibuziweyo enika ubungqina ngendlela ethungelanayo. Olu uhlobo lwemibuzo ludla ngokuba lolwemibuzo evulelekileyo, ifuna utoliko, uphononongo, ingcombolo, ukuthabatha izigqibo nokuzicingela.
- Imibuzo ekwizinga eliphantsi yimibuzo esisiseko ubukhulu becalo. Kubuzwa abafundi ngokubakhumbuza izinto ezikhe zafundiswa. Kuncinci okufuna ukucinga nokuqiqa. Olu hlobo lwemibuzo luquka imibuzo ethe ngqo, evalekileyo, ekhumbuzayo, nejonga ulwazi kuphela- impendulo yokwenene nenqubo.

Xa usebenzisa itekzonomi kaBarrett, iindidi ezahlukahlukeneyo zemibuzo zingasetwa ngolu hlobo:

Amazinga okuqonda xa ewonke mawabiwe ngolu hlobo lulandelayo:

Izinga loku-1 kanye nelesi- 2: 40% amanqaku ewonke

Izinga lesi-3: 40% amanqaku ewonke

Izinga lesi 4 kanye nelesi- 5: 20% amanqaku ewonke


**QAPHELA:** Jonga kule theyibhile ilandelayo

Itekzonomi kaBarrett

Izinga	Inkcazelو	iindidi zemibuzo
1	Izinga lokuqonda elisebenzisa intsingiselo yentsusa/engqalileyo / esisiseko (ulwazi olufumaneka kwitekisi)	Umz. Nika, dwelisa i...; chonga i...; chaza i...; balisa i ...
2	Ukucwangcisa ngokutsha (ukuhlalutya, ukuyondelelana okanye kucwangciswe ingcombolo yolwazi)	Umz. shwankathela iingongoma ezphambili ...; Xela umahluko/ izinto ezifana ngazo ...
3	Ukuthabatha izigqibo (imibuzo efuna umfundu afundisise ingcombolo yolwazi ngokuvakalayo exelwe kwitekisi ngokwamava akhe buqu.)	Umz. cacisa uluvo oluphambili /olungundoqo ...; Yintoni injongo yombhalo ...; Ucinga ukuba iya kuba yintoni ...

4	Ukuphonononga ((Izinga lesi-4) (Indlela abona ngayo umfundi ngokunxulumene nexabiso nokubaluleka kwento leyo kuthetha ngayo)	Umz. Ucinga ukuba ...; Xoxa / phawula ...
5	Ukuncoma ugxeke (Appreciation) (Ukuhlola ifuthe letekisi) kujoliswe kwifuthe lesayikholoji nobugcisa beteke kumfundu. Kugxininiwa kwiimpendulo zomfundu ezingeemvakalelo kumxholo	Umz. Xoxa ngempendu Phawula ngendlela umk alusebenzise ngayo ulw

Itekzonomi kaBloom ehlaziywego ebonisa amazinga okuqonda ahlukeneyo:



Amazinga obunzima bombuzo

Amazinga obunzima bombuzo abhekiselele kwindlela umfundi akwazi ngayo ukupher umbuzo

Achazwa njengokuba umbuzo ulula, uphakathi, unzima okanye unzima kakhulu.

Yintoni eyenza umbuzo ube nzima?

Enye yezi zinto zilandelayo inganefuthe kwizinga lobunzima bomxholo:

- Umxholo (isifundo/ingcinga/amanqaku/ imigaqo/iinkqubo), umz.
  - Ukubethelelwa kwesifundo esinzima kwibanga le-10 nesithe saphinc senziwa kwibanga le-11 ne 12 uba nobulula kwibanga 12.
  - Amanqanaba alandelwayo ekuphenduleni umbuzo okanye ubude bempendulo bunganefuthe kubunzima bombuzo.

- Isihluphezi (umbuzo)
  - Ulwimi, itekisi okanye isinariyo esetyenzisiweyo inganefuthe kubunzima bombuzo.
  - Ukuphindaphinda ukufunda okufunekayo okanye ixesha elifutshane linganefuthe kubunzima bombuzo.
- Umsebenzi (inkqubo)
  - Imibuzo emifutshane nemibuzo eyimihlathi okanye isincoko – iimpendulo ezifuna ubhale kakhulu / ezifuna impendulo ende zinobunzima kakhulu.
  - Amanyathelo anikiweyo okanye ukusekwa kwemibuzo- imibuzo enempendulo evulelekileyo inobunzima kakhulu kunaleyo ithe ngqo, oko kuthetha ukuthi imibuzo ekhokela abafundi.
- Iimpendulo ezilindelekileyo
  - Irubriki, imemo umz oko kufuneka kwimemo kokulindeleke kumbuzo.
  - Ulwabiwo Iwamanqaku

**Qaphela:** kwizinga lokuqonda ngalinye, kukho amanqanaba obunzima ahlukeneyo

## 7. Imizekelo yemisebenzi yokuhlola yasesikolweni neeMemo

---

*Ngokuqinisekisa amazinga okuqonda emisebenzi*

---

*nokuqonda iimpawu zemisebenzi ezibangela  
Umgangatho nendlela abacinga ngayo abafundi  
ukuba ibe kwizinga eliphezulu okanye eliphantsi,  
yivo eya kubonisa ukuba baya kufunda.  
ubani uya kuthi akwazi ukukhetha okanye*

---

*alungise imisebenzi eza kulungela bonke  
abafundi.*

---

## **Umsebenzi 1: I orali: Ukuphulaphulela ukuqonda**

Ukukwazi ukuphulaphula kubalulekile kumntu wonke, kuba kuyinxalenyen yokunxibelelana. Abafundi xa bekhokelwe ngutitshala kwesi sakhono siphucuka ngcono. Umfundu onesakhono sokuphulaphulela ukuqonda uthatha inxaxheba engcono kwiimeko zonxibelelwano

Ukufundisa isakhono sokuphulaphula akunakugxiniswa ngokupheleleyo ngokuncokola kuphela eklasini. Kubalulekile kakhulu ukukhulisa isakhono sokuphulaphula xa kufundwa ulwimi

Xa injongo yokufundisa kolwimi kucaciswa kubafundi kungagxilwa kwisigama ukusetyenziswa kolwimi nokuphulaphulela iinjongo ezithile njalo njalo.

Le ngcaciso yesifundo iza kunceda abafundi ukuba bafunde okuninzi ngethutyana elingephi umzekelo ukubachazela abafundi ukuba baza kufunda ngezalathisi kungabenza ukuba bakhumbule amagama asetyenziswayo xa kusalathiswa.

Xa uyila/ ucwangcisa isifundo nezixhobo zokufundisa ngenjongo zokuphuhlisa isakhono sokuphulaphulela ukuqonda, abafundi kufuneka bakhuthazwe. Oku kungaphumelela ngokusebenzisa izixhobo ezifanelekileyo ngokugqibeleyo

## **Indlela yokwenziwa komsebenzi osesikweni wokuphulaphulela ukuqonda**

- Nika abafundi iphepha elingabhalwanga
- Abafundi mabaziswe ngeenkukacha ekufuneka bazimamele.
- Ubude besicatshulwa esiphulaphulwayo sebanga le-12 mabube ngamagama angama-350
- Kulindeleke ukuba utitshala afunde isicatshulwa amatyeli amabini, kwityeli lokuqala abafundi baqhelanisa nesicatshulwa kodwa bangabhalli nto, kwityeli lesibini utitshala ufunda ngesantya esiqhelekileyo lo gama abafundi bethatha amanqaku. (Ingcebiso utitshala angashicilela itekisi aze abamamelise abantwana)
- Emva kokofunda okwesibini abafundi mabanikwe imibuzo nexesha elaneleyo lokuphendula imibuzo ngezivakalisi ezipheleleyo.
- Okanye utitshala angabafundela imibuzo abafundi baphendule kumaphepha okubhalela
- Qinisekisa ukuba imibuzo neemfuno zayo ziqondwa ngabo bonke.
- Imibuzo yesicatshulwa sokuphulaphulela ukuqonda mayisetwe kulandelwa iimfuno zetekzonomi kaBarretts
- Yonke imisebenzi yohlololo olusesikweni mayikorekishwe ngutitshala
- Abafundi mababoniswe amanqaku abo ukuze bafunde kwiimpazamo zabo
- Oku kubalulekile kuhlololo olusesikweni.

## **7.1 Ibanga le-10**

**Imizekelo yemisibenzi yebanga le 10**

**Umsebenzi woku-1**

**Isicatshulwa esiphulaphulwayo umzekelo 1**

**IMIYALELO EYA KUTITSHALA:**

- Chazela abafundi indlela oza kwenziwa ngayo lo msebenzi.
- Fundela abafundi isicatshulwa okokuqala. Xa kufundwa okokuqala abafundi abavumelekanga ukuba bathathe amanqaku
- Fundela abafundi isicatshulwa okwesibini. Kweli tyeli abafundi bavumelekile ukuthatha amanqaku okanye nika abafundi iphepha elinemibuzo ubanike nexesha elaneleyo lokuphendula
- Funda umbuzo ngamnye unike abafundi ithuba elaneleyo lokuphendula
- Khumbuza abafundi ukuba upelo alunyityelwa manqaku
- Qokelela umsebenzi, umakishwe emva koko urekhodwe (ushicilelw)
- Banike ithuba lokujonga amanqaku abo benze nezilungiso

## UMSEBENZI 1: UBUCHULE BOKUPHULAPHULA

IBANGA 10 UMHLA: .....

AMANQAKU: 15

IXESHA.....

### Imiyalelo ebhekisele kutitshala

- Titshala fundela abafundi isicatshulwa sokuphulaphula.
- Bafundele ngokukhwaza kabini ubuncinane.
- Bafundele ngesantya esifanelekileyo.

### Chazela abafundi oko bafanele bakwenze njengale miyalelo ilandelayo:

- Phulaphulani utitshala enifundela esi sicutshulwa silandelayo.
- Kwityeli lesibini kulindeleke ukuba nizithathelle amanqaku
- Utitshala uza kubuza abafundi imibuzo

### LANDELA IPHUPHA LAKHO

Ukhe uzifumane uhleli emva kwedesika unqwenela ukuba ngowawulandele intliziyo yakho waba ngumfoti okanye umbhali endaweni yokulandela ikamva lokuba ngumbali-mali (accountant) okanye i-IT (Information Technology)? Yintoni ekubambileyo? Ukuba woyika ukuthatha umtsi omkhulu ushiye uzinzo lwemali oyifumana emsebenzini wakho uya kuba uzithintela ekuxhamleni impumelelo yene inkqubela-phambili yobomi. Ungaze ungabuhoyi ubutsha-ntliziyo bakho. Awukwazi okunokuthi kwenzeke ekuhambeni kwexesha. Into oyithandayo ingaba yinkqubela-phambili enempumelelo.

UTHandi oneminyaka engama-33 waba kwizikhundla eziphezulu njengomanejala wasemthethweni omkhulu kwezinye zeenkampani zoMzantsi Afrika. Nangona wayonwabile kumsebenzi wezemali onesantya esiphezulu ofuna ukusebenzisa ingqondo wayelangazelela enye into eyahlukileyo kule wayeyenza. Wayefuna into ehambelana nesimo sakhe sobugcisa. "Umsebenzi wam wawusitya ixesha ngoko lalilincinane ixesha lokuba ndonwabele ubomi bam". Wafumanisa ukuba umdla wakhe ngowokwenza izihombiso ezenziwe ngamatye anexabiso. Kwiinyanga ezilishumi elinesibhozo phambi kokuba afake isicelo sokuyeka emsebenzini waqalisa ukwenzela usapho lwakhe nabahlobo izacholo neentsimbi zomqala ngamatye anexabiso kunye nekristale.

Ndandiwuvuyela umceli-mnjeni wokuba ndibe nobugcisa. Ukufaka kwabahlobo bam nosapho i-odolo kwandenca ndaba nomdla ngakumbi yaze nengcinga yokuba ndibe ngumyili yasoloko indithukuthezel. Ekuggibeleni ndaggiba ukuba ndiwushiye umsebenzi wam. "Yaba sisigqibo esilula esi kuba emazantsi entliziyo yam ndandinento ethi mandilandele iphupha lam, into eza kundanelisa." "Emva kokuba ndimkile ndeva kukho into ehlileyo amagxeni am. Ndazibona ndinenjongo nangona ndandisazi ukuba ndishiya ngasemva imali esisigxina endiyifumana njalo ukuphela kwenyanga noncedo endandilufumana."


Esazama ukumisa ishishini lakhe waphangela ebhankini kabini evekini kangangeenyanga ezine. Wamisa igumbi lakhe lokusebenzela ekhayeni lakhe waze wazisa abantu abanokuba ngabaxumi bakhe. Kwakufuneka ahambe neesampuli ukuya ezivenkileni esiya kubonisa abathengi imveliso yakhe nokuzithengisa buqu. Oku kwakungekho lula kuba wayeqhele ushishino oluza kuye, ngoku yayinguye ekufuneka ase urhwebo kwabanye abantu. Ukutshintsha kwakhe ikamva kwaguqula bonke ubomi bakhe. Wafumanisa ukuba waneliseke ngakumbi kuba ulandele iphupha lakhe.

[My Clever Gr 10 Iphepha 84-85]

**Ukuphulaphulela ukuqonda**

**Umzekelo**

Igama: \_\_\_\_\_ Ibanga: \_\_\_\_\_



**Umhla:** \_\_\_\_\_

**Imibuzo**

- 1.1.1 Yintoni ebangela ukuba kube nzima ukufika empumelelweni ngokwalapha kwisicatshulwa? Chaza. (1)

.....  
.....  
.....

- 1.1.2 Sesiphi isifundo esibalulekileyo ekufuneka usiphumelele xa uza kuba ngumbali-mali? (1)

.....  
.....  
.....

- 1.1.4 Nika into ibenye awaqala wayenza uThandi phambi kokuba acinge ngokuyeka ukuphangela. (1)

.....  
.....  
.....

- 1.1.5 Ingaba bubuchule ukuyeka emsebenzini xa uziva wonele okanye udikiwe? Xhasa impendulo yakho ngomzekelo. (2)

.....  
.....  
.....

1.1.6 Ukuphangela kwakhe ebhankini kwaba nafuthe lini ekuqaleni (2)

.....  
.....  
.....

1.1.7 Chonga isivakalisi kwisicatshulwa esichaza ukuba uThandi wayesebenza  
isingxungxo ngexesha esakha ishishini lakhe. (2)

.....  
.....

1.1.8 Thelekisa umahluko phakathi komsebenzi wakhe wokuqala nalo wayenawo  
ngoku. (2)

.....  
.....  
.....

1.1.9 Ingaba uRhulumente weSebe lezeMfundu unawo na amalungiselelo  
awenzayo ezikolweni ukukhawulelana nabafundi ekwakheni ingomso (2)  
eliqaqambileyo malunga nezifundo ezingqamene nezakhono? Cacisa

.....  
.....  
.....

1.1.10 Ufunde ntoni kwesi sicatshulwa? (1)

.....  
.....  
.....

## Memorandum

### IMEMORANDAM (Ukuphulaphulela ukuqonda)

- 1.1.1 Kukoyika ukushiya umsebenzi okuwo nemali oyiqhelileyo. ✓ (1)
- 1.1.2 Akhawunting. ✓ (1)
- 1.1.3 Kukwazi ukusebenzisa ubuxhakaxhaka bale mihla / itekhnoloji. ✓ (1)
- 1.1.4 Wenzela abahlobo✓ bakhe nosapho✓ izacholo neentsimbi zomqala. (1)  
(nayiphi na impendulo kwezi.)
- 1.1.5 Hayi kuba unokungawufumani msinya zibe iingxaki zemali zikhona ze ube  
noxinzelelo.✓ / Ewe kuba apho uchitha khona ixesha elide kufuneka wonwabe.✓  
(Nayiphi na impendulo yomfundi evakalayo.) (2)
- 1.1.6 Amava awafumane✓ khona amenze wakwazi ukumelana neemfuno zoshishino. ✓ (2)
- 1.1.7 'Esazama ukumisa ishishini lakhe waphangela ebhankini kabini ngeveki  
kangangeenyanga ezine'.✓✓ (2)
- 1.1.8 Kumsebenzi wokuqala wayeqhele ushishino Olkuza kuye✓ kanti kowesibini yayinguye  
ekufuneka ase urhwebo kwabanye abantu.✓ (2)
- 1.1.9 Ewe zikhona izifundo ezipphuhlisa ubugcisa babafundi njenge Creative Arts, CAT,  
ubuNjineli kwezoMbane.✓✓ (2)
- 1.1.10 Ndifunde ukuba xa ufuna ukuphumelela ebomini kufuneka usebenze nzima kwaye  
indlela eya empumelelweni ayikho lula.✓ (1)

[15]

## UMSEBENZI 2: ISINCOKO

UMHLA.....

IXESHA.....

50

IBANGA.....

### IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lineCandelo elinye:

**ICANDELO A: Izincoko**

2. Phendula umbuzo OMNYE.

3. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise uze uwuhlele umsebenzi wakho.

4. Isicwangciso soyilo (idrafti) MASIKHOKELE umsebenzi wakho.

5. Isicwangciso sakho masibhalwe ngokucacileyo.

6. Nombola imibuzo ngendalela ekwenziwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Nika isihloko esifanelekileyo kumbuzo ngamnye.

8. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

9. QAPHELA: Awabalwa amagama akwihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko.

## ISINCOKO ESIBALISAYO/ ESICHAZAYO/ ESIXOXAYO


**Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo uze ubhale amagama angama-240-290 ubude.**

- |   |  |      |
|---|--|------|
| 1 | Ukutshintsha kwemozulu   | (50) |
| 2 | Ingase kuhlale kunjengakuqala  | (50) |
| 3 | Babhubhile abantu ngoDisemba, ucinga ukuba urhulumente angazilwa njani ezi ngozi zendlela zingaka? | (50) |
| 4 | Ugwayimbo lwabafundi yinkcitha xesha   | (50) |
| 5 | Umthathi uyawuzala umlotha   | (50) |
| 6 | Ifuthe lezibhengezo ntengiso   | (50) |
| 7 | Qwalasela lo mfanekiso ulandelayo wandule ukubhala isincoko, unike nesihloko                       |      |



(50)


8



(50)

**Amanqaku ewonke: [ 50 ]**

**UMSEBENZI 3: UKUBHALA UMHLATHI**  
**IBANGA :10**  
**UMHLA: .....**  
**IXESHA: .....**



### **IMIYALELO NENGCACISO:**

Khetha isihloko sibe siNYE ubhale ngaso umhlathi onamagama aphakathi kwe- 100 ukuya kwi-120 isiqu kuphela.  
Bhala ngesiXhosa esisulungekileyo nesinongiwey  
Bhala cocekileyo.  
Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga/umzobo/imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundisisa uwuhlele.  
**Kunyanzelekile ukuba uyilo(cwangciso) LUKHOKHELE umhlathi.**

#### **1.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho olele ngandletyananye esibhedlele mkhuthaze umniike nethemba lokuba uza kuphila azibone ephume esibhedlele kungekudala. (25)

#### **1.2 ILETA ESESIKWENI**

Bhalela umzi-mveliso othengisa iincwadi zokufunda zesiXhosa u- odole iincwadi ezintathu. Bhala isihloko sencwadi, umbhali kunye nexabiso layo. (25)

#### **1.3 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yongasekhoyo. (25)

#### **1.4 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi komzali wakho kunye nenqununu yesikolo sakho. (25)

#### **1.5 INTETHO**

Bhala intetho yokuthi ndlela-ntle kubafundi bebanga leshuni elinambini besikolo sakho. (25)

#### **1.6 UDLIWANO-NDLEBE**

Bhala udliwano-ndlebe phakathi kwakho (mfundi) kunye nemvumi oyithandayo ephum'izandla. (25)

**AMANQAKU EWONKE: [ 25]**

## 1.1 ILETA YOBUHLOBO

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Mayikhokhelwe sisicwangciso-zimvo
- Mayibandakanye idilesi enye.
- Umhla ebhalwe ngawo ngasezantsi kwayo.
- - Mayibandakanye isibuliso esichanekileyo.
- Makashiye umgca emva kwesibuliso.
- - Uvumelekile ukuboleka igama esiNgesini xa ubhala idilesi, iinyanga okanye usebenzise iinyanga zentsusa.
- - Akukho ziphumlisi kwidilesi nesibuliso nakwisisphelo.
- - Ileta mayiqulathe intshayebole enika umdla, isiqu nesiphelo.
- Makahlule imihlathi yesiqu ngokweengcamango ezahlukileyo.
- - Makanamathele kwiimfuno ezahlukeneyo zeleta njengesimbo sokubhala nesakhiwo.
- Makakhumbule abantu ababhalelayo ukuncedisana nokuba oko abhale ngako kuqondwe msinya.
- Indlela abhala ngayo mayivakale, iyondelelane, icaciswe, ibe semxholweni.
- Makasebenzise ulwimi olusulungekileyo.
- Makabhale ngolwimi oluvakalayo, olwamkelekileyo nolutsala umdla nethoni efanelekileyo.
- Makacwangcise ngokukuko, axoxe ngokukuko.

(25)

## 1.2 ILETA ESESIKWENI

- Makukukhokhele isicwangciso -zimvo
- Makukhokele isicwangciso-zimvo.
- Mayiqulathe iidilesi ezimbini eyombhali neyalo mntu ubhalelwayo, ime ngqo ngesiXhosa.
- Makashiye umgca emva kwesibuliso ze abhale umcimbi ileta engawo.
- Makangqale ngqo kumongo.
- Uvumelekile ukuboleka igama esiNgesini xa ubhala idilesi, iinyanga okanye usebenzise iinyanga zentsusa.
- Akukho ziphumlisi kwidilesi nesibuliso nakwisisphelo.
- Ileta mayiqulathe intshayebole enika umdla, isiqu nesiphelo.
- Makahlule imihlathi yesiqu ngokweengcamango ezahlukileyo.
- Makanamathele kwiimfuno ezahlukeneyo zeleta njengesimbo sokubhala nesakhiwo.
- Makakhumbule abantu ababhalelayo ukuncedisana nokuba oko abhale ngako kuqondwe msinya.
- Indlela abhala ngayo mayivakale, iyondelelane, icaciswe, ibe semxholweni.
- Makasebenzise ulwimi olusulungekileyo.
- Makabhale ngolwimi oluvakalayo, olwamkelekileyo nolutsala umdla nethoni efanelekileyo.
- Makacwangcise ngokukuko, axoxe ngokukuko

(25)

### 1.3 I-OBHITSHUWARI

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makukhokhele isicwangciso-zimvo
- Igama, umhla wokuzalwa, indawo azalelwe kuyo namagama alowo ungasekhoyo.
- Imfundu yakhe neendawo aphangele kuzo.
- Izinto ezibalulekileyo ezimalunga nobomi bakhe.
- Makabhale ngegalelo lakhe entlalweni nezinto ebenomdla kuzo esaphila.
- Unobangela wokusweleka kwakhe ukuba ugulile, imbali yokugula kwakhe.
- Abantu abashiya ngasemva.
- Amazwi okumkhapha.
- Makasebenzise ulwimi oluhloniphayo nolundilisekileyo.

(25)

### 1.4 INGXOXO YABABINI

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makukhokhele isicwangciso-zimvo.
- Makubekho intshayelelo eza kuchaza ngokufutshane, indawo, abalinganiswa kunye nomba ekuxoxwa ngawo.
- Makabhale ingxoxo elungiselelweyo phakathi kwabantu ababini.
- Makanike amagama ezithethi kwicala elisekhohlo ephepheni.
- Makashiye umgca ukwahlula intetho yesithethi ngasinye.
- Makabuze umbuzwa imibuzzo.
- Obuzayo makabonise ulwazi oluphangaleleyo.
- Imibuzzo mayihlelwe ngendlela ukuze kufunyanwe ulwazi olufanelekileyo.
- Imibuzzo inganxibelelana nengaphambili.
- Impendulo mazicacise ngokwaneleyo zinike izimvo neengongoma ezifanelekileyo.
- Makangazifaki iimpawu zocaphulo.
- Makasebenzise umntu wokuqala.
- Umbuzwa makaphendule imibuzzo, anike ulwazi olulindelekileyo.
- Ithoni nolwimi luxhomekeke kubudlelwane phakathi kwezithethi nomba ekuxoxwa ngawo.
- Mayikhawuleze ifike kuvuthondaba.

Isiphelelo sibalulekile-kulapho kuxelwa ukuba iphelelephi le ngxoxo.

(25)

## 1.5 INTETHO

**Umvija kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:**

- Makukhokhele isicwangciso-zimvo.
- Kwisimbo sokubhala makuvele ixesha, indawo, injongo, abaphulaphuli noko aza kuthetha ngako.
- Makuvele ukuba uza kuthetha njani? Wonwabile, okanye ukhathazekile.
- Makaqale intetho yakhe ngendlela etsala umdla.
- Makaphuhlise amanqaku akhe kakuhle angatsho ngentetho ekruqulayo.
- Makasebenzise izivakalisi ezifutshane ezikhathsha ziingcingane ezelula, asebenzise imizekelo eqhelekileyo. –
- Makalungelanise izigxeko zakhe nezincomo

(25)

## 1.6 UDLIWANO-DLEBE

- Makukhokhele Isicwangciso-zimvo
- Umbuzo neempendulo
- Igama lesithethi lilandelwa yikholon
- Tsiba umgca phakathi kweentetho zezithethi
- Intetho ngqo/ akukho zimpawu zocaphulo
- Imibuzo mayivuleleke ukuze iimpendulo ziqingqeke
- Umvavanyi makabe nolwazi
- Imibuzo mayilandeletlane ngendlela eyakhelanayo
- Umvavanywa makaphendule phambi kokuba kubuzwe olandelayo umbuzo
- Ithoni ixhomekeka kwinjongo nobudlelwane babo badlana iindlebe
- Uvala ngokubulela umvavanywa
- Ulwimi olundilisekileyo
- Bavumelekile oondi...si...
- Makungqalane nendlela abazalana ngayo ukuthetha kwabo (rejista)
- Ixesha elidlulileyo xa kukhunjuzwa izinto
- Ukunqumama makubonakaliswe ngophawu loko
- Izivakalisi ezingaphelelanga zibonakalisa uzalwano oluthile
- Ithoni isoloko isesikweni.

AMANQAKU EWONKE: 25

(25)

Isicatshulwa esiphulaphulwayo umzekelo 1

IMIYALELO EYA KUTITSHALA:

Chazela abafundi indlela oza kwensiwa ngayo lo msebenzi.

Fundela abafundi isicatshulwa okokuqala. Xa kufundwa okokuqala abafundi abavumelekanga ukuba bathathe amanqaku

Fundela abafundi isicatshulwa okwesibini. Kweli tyeli abafundi bavumelekile ukuthatha amanqaku okanye nika abafundi iphepha elinemibuzo ubanike nexesha elaneleyo lokuphendula

Funda umbuzo ngamnye unike abafundi ithuba elaneleyo lokuphendula

Khumbuza abafundi ukuba upelo alunyityelwa manqaku

Qokelela umsebenzi, umakishwe emva koko urekhodwe

Banike ithuba lokujonga amanqaku abo benze nezilungiso

ISICATSHULWA

ISIKO LOKUQALA ELENZE LWA IMVEKU KWAXHOSA

Ntlandlolo, mandulo phaya ebethi umfazi akuzala agcinwe bucala iintsuku ezilishumi ehlaliswe ngabanye abafazi kusithiwa uyafukanyiswa, de usana luggibe iintsuku ezilishumi luzelwe. Amadoda, nkqu noyise wosana ebengangeni kwamdleza de kuphele ezi ntsuku zilishumi zingummiselo wokufukanyiswa kwakhe. Abafazi bebexakeka bemphekela izibhembe ukuqinisekisa ukuba mhla aphumayo efukwini uya kuba etyebile, emhle okweguzi liphuma ekhasini. Ebethi ke umfazi xa ephuma efukwini kufuneke ukuba usana lubingelelwe. Eli iba lelona thuba lokubonwa komdlezana emva kweentsuku ezilishumi ezele.nosana lubonwa ngale mini. Ebephuma umdleza eqatywe ingxwala nosana lwakhe babe bahle, babe njeya nosana lwakhe kangangokuba kwezinye iindawo le mini yokuphuma komdleza ibifudulwa ibizwa ngosuku lokuqatywa komdleza.

Bekuthi ngomhla wokuphuma kwakhe efukwini, nasemva kokuba eqatywiwe kphume umfazi omkhulu aye kubikela umnimizzi okanye indoda yekhaya emele imicimbi yekhaya aye kuxela ukuba izinto zime ngobume kwamdleza. Emva kwemini kubonwa ngebhokhwe emhlophe icanda inkundla ibanjwe ngabafana bangene nayo aphi efukwini aze enze amazwi ambalwa ayaleza le mfambilini kwizinyanya zayo ukuba ziyijonge ekukhuleni nasempilweni yayo kungabikho zingxaki zivelayo.

Yakuggiba ukwenza le ntetho ibhokhwe iye iqhutywe isiwe esibayeni. Naxa seyifikile esibayeni isithethi sekhaya siphinda sithethe kwalaa mazwi besiwathethe endlwini. Emva koko ihlatywe ngomkhonto. Yakubhonga wonke umntu okhoyo kulo mcimbi uyazi ukuba icamagu livumile, izinyanya zilwamkele yaye ziya kulukhusela usana. Xa usana luyinkwenkwe kusetyenzwa ngenkabi yebhokhwe ze xa luyintombazana kusetyenzwe ngethokokazi lebhokhwe.

Yakuba ihlinziwe ibhokhwe kukhutshwa intsonyama kumkhono wasekunene ize yosiwe kumlilo obaswe ngeenkuni zomnquma ingagalelwanga tyuwa ize ibekwe kwihlamvu lomnquma isiwe kumdleza ukuze ashwame.Ukuba umntwana owenzelwa imbeleko sekhulile uye ashwame kunye nomdleza okanye unina.Umswane kusindwa ngawo le ndlu yakwamdleza. Umdlezana akayity inyama yangaphakathi yale bhokhwe. Amathumbu ale bhokhwe asengwa ziintombi zekhaya okanye oodadeboyise bomntwana lo ubingelelwayo.Ngale mini iwe ngayo ibhokhwe kuphekwa izibilini kuperhela ze umzimba wayo ulaliswe kule ndlu yomdleza. Kusasa ngosuku olulandelayo iphekwa yonke inyama kunye nalaa mkhono wasekhohlo ebekusikwe kuwo intsonyama ze utyiwe ngumdleza encediswa ngabantwana abasondele kolu sana ukuba bakhona.Usana luye Iwenzelwe umngqi ngentsimbi emhlophe oye ubotshwe apha esinqeni salo.Intsimbi ihlohlwa ngumama omdala wekhaya. Uthi umhlohli akuggiba ukuyihlohlha ayijikelezise kubafazi abalapha kwamdleza ze bamane becamagusha njengokuba beyiphethe baphinde bayibuyisele kulo mfazi mkhulu ebeyihlohlha ukuze ibe nguye oyithi ntshi-i esinqeni sosana.Isikhumba sale bhokhwe besisukwa sithambe ze usana lubelekwe ngaso sithabathe indawo yebhayi eli selisetyenziswa kule mihla yempucuko. Amahlamvu omnquma ebekumana kubekwa kuwo le nyama yalo msebenzi atshiselwa ebuhlanti kunye namathambo. Zazifudula zihamba ngolu hlobo ezakowethu zingekangxojwagxojwa kukungenelala kweenkcubeko zezinye iintlanga ezingabangeneleli

***Sithatyathwe kwincwadi, ‘Uncuthu LwesiXhosa yaze yahlelwa)***

## Umsebenzi woku-1: Ukuphulaphulela ukuqonda

### Umzekelo 1

Igama----- ibanga-----

Umhla-----

### IMIBUZO YESICATSHULWA SOKUPHULAPHULA

1. Leliphi eli siko lenziwa apha kwesi sicatshulwa?

..... (1)

2. Babizwa ngokuba yintoni abafazi abahlalise umdleza na ngelixa agqiba kubeleka?

..... (1)

3. Kukuthini ukosiwa kwenyama esikwe emkhonweni ze ityiswe umdleza na ngosuku lokuqala ekuxhelelwe usana?

..... (1)

4. Ibizwa ngokuba yintoni loo nyama ikhutshwe emkhonweni?

..... (1)

5. Cacisa ukuba kuthethwa ukuthini xa kusithiwa umntu ngowomgquba?

..... (2)

6. Yeyiphi eyona ndawo ekuqhutyelwa kuyo isiko kowenu, kutheni liqhutyelwa kuloo ndawo

..... (2)

7. Nika izithethantonye zala magama:

(a) Ntlandlolo.....

(b) Mfambilini..... (2)

8. Kule mihla ingaba leliphi isiko elenziwa kakhulu?

..... (1)

9. Xa ulijongile lenziwa ngendlela eyiyo? Cacisa.

.....

(2)

10. Ngokokwakho ukubona amasiko asadlala indima enkulu ezimpilweni zethu thina bomthonyama? Cacisa.

..... (2)

.....  
[15]

### **IIMPENDULO ZESICATSHULWA SOKUPHULAPHULA**


1. Imbeleko✓/Ukukhutshwa kosana endlini✓  
(1)
2. Abafukamisi✓  
(1)
3. Ukushwama✓  
(1)
4. Intsonyama✓  
(1)
5. Yinzalelwana yalapho✓✓/Ukuzalw apha ekhaya✓✓/Ngumntwana walapho ncakasana✓✓  
(2)
6. Kusebuhlanti✓ kuba kulapho zihlala khona izinyanya okanye kukholeleka ukuba  
zihlala khona✓  
(2)
7. Ntlandlolo – mandulo✓/Kudala✓  
Mfambilini – imveku✓/usana✓/untamekwana✓  
(2)
8. Lisiko lokwaluka✓(Nayiphi na impendulo efanelekileyo)  
(1)
9. Ewe lenziwa kakuhle kuba abakhwetha babuye befundisiwe ngezinto zobudoda✓✓/  
Hayi alenziwa kakuhle kuba kule mihla amakrwala ayasweleka into ethetha ukuba ukho undonakele✓✓  
(Impendulo yomfundi echanekileyo mayiqwalaselwe)  
(2)
10. Ewe asadlala indima enkulu kuthi thina bomthonyama kuba xa umntu engalenzelwanga isiko uthi abe neengxaki ahangabeszana nazo apha ebomini izinto zingamhambeli kakuhle abe nazo nezigulo ezithile✓✓/  
Hayi akasadlali ndima enkulu ayinkcitha xesha nje kuba nabantu abangawenziyo amasiko bayaphumelela ebomini kwaye baphila babe ngumqabaqaba bafane naba benza amasiko✓✓( impendulo yomfumndi echanekileyo mayiqwalaselwe)  
(2)

**Amanqaku ewonke [15]**

## Umsebenzi wesi-2: Ukubhala isincoko

### Umzekelo 1

Umhla: .....



### IMIYALELO

1. Khetha isihloko sibe **SINYE** kwezi zilandelayo wandule ukubhala isincoko ngaso.
2. Bhala amagama angama-290-340.
3. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale isincoko sakho.
4. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke
5. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendalela ekunonjolwe ngayo.
6. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
7. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo usebenzisa isiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

## IZINCOKO:

<b>1.</b>	Izakhiwo ezinemigangatho emininzi zinomtsalane, kodwa zibeka ubomi boluntu emngciphekweni	(50)
<b>2</b>	Ndabona loo mini ukuba abahlobo bokwenene basekhona	(50)
<b>3</b>	Ezemiculo nezemidlalo zidlala indima enkulu ekumanyaneni isizwe sethu	(50)
<b>4</b>	Amajelo onxibelewano anjengo 'MXit', 'Facebook' kanye no- 'Twitter' abutshintshile mpela ubudlelwane babantu.	(50)
<b>5</b>	Kule mihla siphila kuyo ulutsha lumphulaphula oontangandini kunokuthobela abazali	(50)
<b>6</b>	lindlela zokuzakhela ikamva eliqaqambileyo	(50)
<b>7</b>	Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko, uzithiyele esakho isihloko	(50)



8		(50)
---	--	------

**AMANQAKU: 50**

### **Umsebenzi wesi-3**

**Ukubhala umhlathi**

**Umzekelo woku-1**

**Umhla .....**

### **IMIYALELO**

Kule mihlathi ilandelayo khetha **ube MNYE** ubhale amagama ali-**100-120 umxholo kuphela.**

- Uyagunyaziswa ukuba ulandele inkqubo efanelekileyo yokubhala.
- Kulindeleke ukuba uwucwangcise uze uwuhlele umsebenzi wakho.
- Isicwangciso sakho masibhalwe kwiphepha elitsha ngokucacileyo.

#### **1. ILETA YOBULHOBO**

Bhalela umhlobo wakho umxelele ngendlela onomdla ngayo kweli banga ngenxa katitshala wakho.

**(25)**

#### **2 IngXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo ephakathi komzali kunye nomntwana baxoxa ngokusetyenziswa kweselula.

**(25)**

#### **3 INTETHO**

Bhala intetho ubulele abafundi besikolo sakho ngokuthatha inxaxheba kwikonsathi yokwenyusa ingxowa-mali yesikolo.

**(25)**

#### **4 I-OBHITSHWARI**

Bhala i-obhitshwari kabhuti wakho oswelekileyo.

(25)

## 5 INQAKU LEMAGAZINI

Bhalela umhleli weBona Magazini inqaku ulumkise uluntu ngokulahleka kwabantwana.

(25)

## 6 IRIVYU YENCWADI

Bhala irivyu yencwadi obukhe wayifunda.

(25)

## AMANQAKU EWONKE [25]

### IMEMO YOMSEBENZI WESI-3: UKUBHALA UMHLATHI

#### 1.1 ILETA YOBULHOBO

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Mayikhokhelwe sisicwangciso-zimvo
- Mayibandakanye idilesi enye.
- Umhla ebalwe ngawo ngasezantsi kwayo.
- Mayibandakanye isibuliso esichanekileyo.
- Makashiye umgca emva kwasibuliso.
- Uvumelekile ukuboleka igama esiNgesini xa ubhala idilesi, iinyanga okanye usebenzise iinyanga zentsusa.
- Akukho ziphumlisi kwidilesi nesibuliso nakwisiphelo.
- Ileta mayiqulathe intshayebolelo enika umdla, isiqu nesiphelo.
- Makahlule imihlathi yesiqu ngokweengcamango ezahlukileyo.
- Makanamathele kwiimfuno ezahlukaneyo zeleta njengesimbo sokubhala nesakhiwo.
- Makakhumbule abantu ababhalelayo ukuncedisana nokuba oko abhale ngako kuqondwe msinya.
- Indlela abhala ngayo mayivakale, iyondelelane, icaciswe, ibe semxholweni.
- Makasebenzise ulwimi olusulungekileyo.
- Makabhale ngolwimi oluvakalayo, olwamkelekileyo nolutsala umdla nethoni efanelekileyo.

(25)

#### 1.2 INGXOXO YABABINI

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makukhokhele isicwangciso-zimvo.
- Makubekho intshayebolelo eza kuchaza ngokufutshane, indawo, abalinganiswa kanye nomba ekuxoxwa ngawo.
- Makabhale ingxoxo elungiselelweyo phakathi kwabantu ababini.
- Makanike amagama ezithethi kwicala elisekhohlo ephepheni.

- Makashiye umgca ukwahlula intetho yesithethi ngasinye.
- Makabuze umbuzwa imibuzo.
- Obuzayo makabonise ulwazi oluphangaleleyo.
- Imibuzo mayihlelwe ngendlelala ukuze kufunyanwe ulwazi olufanelekileyo.
- Imibuzo inganxibelelana nengaphambili.
- Impendulo mazicacise ngokwaneleyo zinike izimvo neengongoma ezifanelekileyo.
- Makangazifaki iimpawu zocaphulo.
- Makasebenzise umntu wokuqala.
- Umbuzwa makaphendule imibuzo, anike ulwazi olulindelekileyo.
- Ithoni nolwimi luxhomekeke kubudlelwane phakathi kwezithethi nomba ekuxoxwa ngawo.
- Mayikhawuleze ifike kuvuthondaba.
- Isiphele sibalulekile-kulapho kuxelwa ukuba iphelelephi le ngxoxo.

(25)

### 1.3

#### **INTETHO**

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makukhokhele isicwangciso-zimvo.
- Kwisimbo sokubhala makuvele ixesha, indawo, injongo, abaphulaphuli noko aza kuthetha ngako.
- Makuvele ukuba uza kuthetha njani? Wonwabile, okanye ukhathazekile.
- Makaqale intetho yakhe ngendlela etsala umda.
- Makaphuhlise amanqaku akhe kakuhle angatsho ngentetho ekruqulayo.
- Makasebenzise izivakalisi ezifutshane ezikhatswa ziingcingane ezilula, asebenzise imizekelo eqhelekileyo. –
- Makalungelanise izigxeko zakhe nezincomo

(25)

### 1.4

#### **I-OBHITSUWARI**

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makukhokhele Isicwangciso-zimvo
- Igama, umhla wokuzalwa, indawo azalelwae kuyo namagama alowo ungasekhoyo.
- Imfundo yakhe neendawo aphanjele kuzo.
- Izinto ezibalulekileyo ezimalunga nobomi bakhe.
- Makabhale ngegalelo lakhe entlalweni nezinto ebenomdla kuzo esaphila.
- Unobangela wokusweleka kwakhe ukuba ugulile, imbali yokugula kwakhe.
- Abantu abashiya ngasemva.
- Amazwi okumkhapha.
- Makasebenzise ulwimi oluhtoniphayo nolundilisekileyo.

(25)

### 1.5

#### **INQAKU LEMAGAZINI**

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makukhokhele isicwangciso zimvo
- Makabhale isihloko esidlwengula umxhelo.
- Makalahlule inqaku ngokwezintlu.
- Makakhankanye umbhali walo.

- Makabhale ngendlela evela kuye, athethe ngqo nomfundi esebeenzisa ithoni nesitayile esichanekileyo.
  - Makabhale ngesimbo esichazayo nesikhatshwa zizafobe.
  - Makafake ezi nkukacha zilandelayo: amagama, iindawo, amaxesha, ubume bendawo nezinye.
  - Makavale nangayiphi na ifomathi.
- (25)

## 1.6 IRIVYU YENCWADI

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makukhokhele isicwangciso zimvo
  - Uvakalisa izimvo zakhe azixhase
  - Isihloko sencwadi, umbhali wayo nonyaka epapashwe ngawo nohlobo Iwencwadi.
  - Angachaphazela isimo sentlalo/ukuzotya kwabalinganiswa/abadlali/ ukulandelelana kweziganeko/ulwimi olusetyenziswayo/umoya webali/ impixano noxhalabiso.
  - Usenokucebisa okanye enze izindululo
- (25)

## Umsebenzi wesi-5

### Intetho elungiselelwego

#### Umzekelo woku-1

Umhla .....

#### IMIYALELO

- Zikhethelo isihloko esiva umsindo wakho kwezi zidweliswe ngezantsi/ Uze nesihloko sakho.
- Yenza uphando wandise kolo lwazi sele unalo ngesi sihloko.
- Lungisa intetho oza kwabelana ngayo nabaphulaphuli bakho.
- Qiniseka ukuba esi sihloko siza kunika imfundiso kubafundi bakho.
- Sebenzisi izincedisi ezifana noonotsheluza, iipowusta, imifanekiso, *iPowerPoint*, iselula njalo njalo ukupuhhlisa nangakumbi intetho yakho.
- Intetho yakho mayithathe imizuzu emi-4 ukuya kwemi-5.

#### IZIHLOKO

1. Ubungozi bokuzibandakanya kumlo wamaqela.
2. Lumkisa ulutsha ngeengozi zokuyeka isikolo esithuben.
3. Nika iingcebiso njenqegosa lezendlela malunga nokulandela imiyalelo yasezindleleni.
4. Indima enokudlalwa nguRhulumente ukukhawulelana nabafundi abaphumelele emaggabini baze bangafumani ndawo kwiiDyunivisithi.
5. Ipalamente yeli lizwe iijke yangumdundo woononkala.
6. Ukubaluleka kokubhala umyolelo phantsi kunokuwuthetha ngomlomo.
7. Singayigcina njani imvelaphi nenkcubeko yethu.

**AMANQAKU EWONKE =10**

## **7.3 Ibanga le-12**

**Imizekelo yemisebenzi yebanga le -12**

**Umsebenzi woku-1**

**Isicatshulwa esiphulaphulwayo umzekelo 1**

**IMIYALELO EYA KUTITSHALA:**

- Cacisela abafundi ukuba uza kwenziwa njani lo msebenzi.
- Fundela abafundi itekisi kube kanye. Kwixa lokuqala abafundi mabangawathathi amanqaku.
- Fundela abafundi itekisi okwesibini. Kwilixa lesibini bavumelekile ukuba bacholachole amanqaku.
- Nika abafundi ithuba lokufunda imibuzo okanye ubafundele baze baphendule.

**OKULINDELEKE KUBAFUNDI**

- Lo gama kufundwayo mababek' indlebe ngenyameko ukuze bavisise
- Mabathabathe amanqaku xa kufundwa okwesibini.
- Bavumelekile ukuba bamane ukubuza imibuzo lo gama kufundwayo.
- Mabetyise bafumane intsingiselo yesicatshulwa.

Phulaphula ngocoselelo kuditshala ekudlalela icwecwe, uze ulungiselele ukuphendula imibuzo.



Nank'uDoli uyahamba  
Upheth'umthwalo, uDoli akanamali  
Intomb'ayikhathali,  
Uyahamb'umntwana  
Ukhwel'ibhasi, Hayi Madoda  
Itileyini, ushiy'ikhaya-kunzima  
Amalungiselelo awamahle  
Uqinisekile ngobuhle- "bamaziyo bath'uyiNdiya, phofu nay' uth' usisimomondiya!

Uhambile uhambile  
(Ushiy'ikhaya lakhe)  
Kunzima kuDoli  
(Uthi kunzima)

Ufikil'eGoli uDoli, engakavuli namehlo zatsha  
Umthathile utsotsi uDoli, wamthatha wamnyusa phezulu  
Emthatha nje umthembisile, ukumenz' intombi ephezulu  
Ngenen'ufikile phezulu, egumbinel' inamantombazana  
Ufunxe efinyela phezulu, umgub' omhlophe-ngeempumlo  
Owu! Hayi! Owu! Hayi! Owu! Hayi!

Wenyuka wenyuk'uDoli  
Wenyuka wenyuk'uNobuhle  
Wenyuka wenyuk'uDoli  
Wenyuka wabhabhemoyeni  
Wenyuka wenyuk'uDoli  
Wenyuka kwabalek'intsuku (wowu)  
(wuwuwu)  
Zaziinyanga iyho! Kwangoonyaka.

Uyakhal' uyacel' uDoli  
Uyavuy' uyamnik' utsotsi  
Uyayazi imbuyekezo  
Akumnandi yho! Ziyaduma!  
Uyacel' ufuneny' uDoli  
Bayamnika ngok'ngakhathali  
Uyacela, bayamnika, aphinde,  
bamnike, aphinde.  
Iyho! Uyaf' uDoli!

Unyukile unyukil' uDoli  
Unyukil' ulishiyile ipupha  
likanobuhle  
O! Hamba, hamba, mntwan' omntu  
Unyukil' unyukil' uDoli  
Umnyusil' utsotsi, wamsa phezulu  
Ngokwesithembiso sakh' utsotsi  
Sokumenz' intomb' ephezulu  
O! Hamba, hamba, Doli.

## Umsebenzi 1: Ukuphulaphulela ukuqonda

### Umzekelo 1

Igama----- ibanga-----

Umhla-----

15

### IMIBUZO:

1.1.1 Ngubani le mvumi iculayo apha? (1)

.....

1.1.2 Icula ngantoni le mvumi? (1)

.....

1.1.3 Ingaba umntu ophethe umthwalo ubonakalisa ntoni? (1)

.....

.....

1.1.4 Sizathu sini esibangele ukuba uDoli ashiye ikhaya lakhe? (1)

.....

.....

1.1.5 Kuthetha ukuthini xa kusithiwa: ‘engekavuli namehlo zatsha’? (2)

.....

.....

1.1.6 Izikhuzo u- ‘Owu’ no- ‘Hayi’ ziphuhlisa imvakalelo enjani kule mvumi? (1)

.....

.....

1.1.7 Igama elithi ‘**wenyuka**’ imvumi iliphindaphindile. Ingaba ibizama ukuphuhlisa ntoni? Cacisa ngokuthe vetshe. (2)

.....

.....

1.1.8 Ingaba uhambo lukaDoli lokuya eGoli lawufezekisa umnqweno wakhe?

Zixhase.

(2)

.....

.....

1.1.9 Ukuba ibinguwe okule meko ubunokwenza njani? Zixhase. (2)

.....

.....

1.1.10 Ungathi imvumi ichukunyiswe yintoni ukuze ibhale le ngoma? (2)

.....

.....

**AMANQAKU EWONKE**


**[15]**

## **IMEMORANDAM**

- 1.1.1 NguRingo Madlingozi✓ (1)
- 1.1.2 Ngentombi eshiye ikhaya layo✓ (uDoli) (1)
- 1.1.3 Ukuba unohambo aluthabathayo✓/ ukushiya ikhaya✓ (1)
- 1.1.4 Uyokufuna umsebenzi✓/ bubunzima ekhaya✓ (1)
- 1.1.5 Kuthetha ukuba uthe engekayazi iGoli wabe sele esenza izinto zobugewu esebezisa iziyobisi✓✓. (2)
- 1.1.6 Yokungahambisani nokwenziwa nguDoli✓ (1)
- 1.1.7 Licacisa ukuba uDoli uye engena ngamandla kwiziyobisi, ukusuka kwiinyanga ukuya kwiminyaka.✓✓ (2)
- 1.1.8 Alukhange luwufezekise✓, kuba uye watshaya iziyobisi.✓ (2)
- 1.1.9 Impendulo esemxholweni ixhomekeke kumfundi.✓✓ (2)
- 1.1.10 Indlela iziyobisi ezilulukuhla ngayo ulutsha.✓ (2)

**AMANQAKU EWONKE = [15]**

**Umsebenzi wesi-2: Ukubhala isincoko**





## Umzekelo 1

Umhla: .....

### IMIYALELO

- Khetha isihloko sibe siNYE ubhale ngaso ngamagama angama-340 ukuya kumagama angama- 390.
- Isincoko sakho masandulelwwe sisicwangciso- zimvo.
- Bhala ulwimi oluhloniphekileyo nolunesidima.
- Wufunde umsebenzi wakho wakuggiba ukuwubhala.
- Libhale inani lombuzo wesihloko osikhethileyo kwakunye nesihloko sesincoko sakho.
- Bhala cocekileyo nacacileyo.

1	Imali ngundoqo wobomi bomntu	(50)
2	Bekumnandi kakhulu apho	(50)
3	Xa ndinokuba ngumphathiswa wezemidlalo	(50)
4	Ubomi	(50)
5	Ndandisendinikezele ndisithi siyohlulwa sisikolo esasidlala naso loo mini	(50)
6	Ingaba kulungile na ukuba kuyekwe ukusebenzisa iincwadi kusetyenziswe iithabhulethi?	(50)
7	Qwalasela umfanekiso ongezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.	(50)
		
8	Qwalasela umfanekiso ongezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.	



(50)

**AMANQAKU EWONKE: 50**

Umsebenzi wesi-3: Ukubhala umhlathi

**44**

**25**

## **Umzekelo 1**

**Umhla:** .....

### **IMIYALELO**

Khetha umhlathi ube mNYE ubhale ngawo. Bhala amagama ali-120 (umxholo kuphela).

- Umhlathi mawandulelwwe sisicwangciso- zimvo.
- Gqala injongo oyibhalelayo nabantu obabhalelayo.
- Qaphela imo, indlela yokubhalwa koko kubhaliweyo noluvo loko ubhala ngako.
- Bhala ulwimi oluhloniphekileyo nolunesidima.
- Wufunde umsebenzi wakho wakuggiba ukuwubhala.
- Libhale inani lombuzo wesihloko osikhethileyo kwakunye nesihloko somhlathi owukhethileyo.
- Bhala cocekileyo nacacileyo.

#### **1 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshwari yommelwane wakho oswelekileyo. (25)

#### **2 ILETA YOBURHULUMENTE**

Bhala ileta ucele indawo yokufunda kwiyunivisithi (25)

#### **3 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ofumene ibhasari yokufunda eyunivesithi uvuyisane naye (25)

#### **4 INTETHO**

Bhala intetho oza kuyenza kwitheko lokuzalwa komhlobo wakho ogqiba iminyana eli-18. (25)

#### **5 UDLIWANO-NDLEBE**

Bhala udliwano-ndlebe oluphakathi kwakho nomongameli woMzantsi Afrika. (25)

#### **6 I-AJENDA NEMIZUZU**

(25)

Bhala iajenda nemizuzu yentlanganiso yamalungu eRCL ebeninayo.

**AMANQAKU EWONKE: 25**

## **IMEMO YOMSEBENZI WESI-3: UKUBHALA UMHLATHI**

### **1.1 I-OBHITSHUWARI**

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makukhokhele Isicwangciso-zimvo
- Igama, umhla wokuzalwa, indawo azalelwwe kuyo namagama alowo ungasekhoyo.
- Imfundu yakhe neendawo aphangele kuzo.
- Izinto ezibalulekileyo ezimalunga nobomi bakhe.
- Makabhale ngegalelo lakhe entlalweni nezinto ebenomdla kuzo esaphila.
- Unobangela wokusweleka kwakhe ukuba ugulile, imbali yokugula kwakhe.
- Abantu abashiya ngasemva.
- Amazwi okumkhapha.
- Makasebenzise ulwimi oluhloniphayo nolundilisekileyo. (25)

### **1.2 ILETA YOBURHULUMENTE**

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makabhale iidilesi ezimbini eyokuqala yeypbhali weleta ikwingalo yangasekunene kumantla ephepha, eyesibini yeypalo mntu ubhalelwayo ikwingalo yangasekhohlo entla kwesibuliso. –
- Makuvele igama okanye isikhundla salo ubhalelwayo entla kwedilesi yesibini.
- Emva kwedilesi makatsibe umgca alandelise ngesibuliso.
- Emva kwesibuliso makatsibe umgca alandelise ngomcimbi ngokufutshane engawo ileta leyo.
- Makabhale isiqu esinentshayevelo, umzimba kunye nomqukumbelo.
- Makanamathele kwisimbo nesakhwi.
- Makabhale ngolwimi oluvakalayo nolusulungekileyo.
- Makabhale ngendlela evakalayo, eyondeleleneyo, ecacisiweyo nesemxholweni.
- Phakathi komhlathi wokuqukumbela nesiphelo makatsibe umgca.
- Makabhale isiphelo esichanekileyo silandelwa yifani noonobumba - magama bomviwa.

(25)

### **1.3 ILETA YOBUHLOBO**

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Mayikhokhelwe sisicwangciso-zimvo
- Mayibandakanye idilesi enye.
- Umhla ebhalwe ngawo ngasezantsi kwayo.
- Mayibandakanye isibuliso esichanekileyo.
- Makashiye umgca emva kwesibuliso.
- Uvumelekile ukuboleka igama esiNgesini xa ubhala idilesi, iinyanga okanye usebenzise iinyanga zentsusa.
- Akukho ziphumlisi kwidilesi nesibuliso nakwisiphelo.
- Ileta mayiqlathe intshayevelo enika umdla, isiqu nesiphelo.

- Makahlule imihlathi yesiqu ngokweengcamango ezahlukileyo.
- Makanamathele kwiimfuno ezahlukeneyo zeleta njengesimbo sokubhala nesakhiwo.
- Makakhumbule abantu ababhalelayo ukuncedisana nokuba oko abhale ngako kuqondwe msinya.
- Indlela abhala ngayo mayivakale, iyondelelane, icaciswe, ibe semxholweni.
- Makasebenzise ulwimi olusulungekileyo.
- Makabhale ngolwimi oluvakalayo, olwamkelekileyo nolutsala umdla nethoni efanelekileyo.

(25)

#### 1.4

#### **INTETHO**

Umvija kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makukhokhele isicwangciso-zimvo.
- Kwisimbo sokubhala makuvele ixesha, indawo, injongo, abaphulaphuli noko aza kuthetha ngako.
- Makuvele ukuba uza kuthetha njani? Wonwabile, okanye ukhathazekile.
- Makaqale intetho yakhe ngendlela etsala umdla.
- Makaphuhlise amanqaku akhe kakuhle angatsho ngentetho ekruqulayo.
- Makasebenzise izivakalisi ezifutshane ezikhatshwa ziingcingane ezelula, asebenzise imizekelo eqhelekileyo.
- Makalungelanise izigxeko zakhe nezincomo

(25)

#### 1.5

#### **UDLIWANO -NDLEBE**

- Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:
- Makabhale ingxoxo elungiselelweyo phakathi kwabantu ababini.
- Makanike amagama ezithethi kwicala elisekhohlo ephepheni.
- Makashiye umgca ukwahlula intetho yesithethi ngasinye.
- Makabuze umbuzwa imibuzo.
- Obuzayo makabonise ulwazi oluphangaleleyo.
- Umntu omnye usenokubuzwa imibuzo yiphaneli.
- Imibuzo mayihlelwwe ngendlela ukuze kufunyanwe ulwazi olufanelekileyo.
- Imibuzo inganxibeletana nengaphambili.
- Impendulo mazicacise ngokwaneleyo zinike izimvo neengongoma ezifanelekileyo.
- Makangazifaki iimpawu zocaphulo.
- Makasebenzise umntu wokuqala.
- Kwantshayelelo obuza imibuzo unika imvelaphi yomntu ambuzayo.
- Umbuzwa makaphendule imibuzo, anike ulwazi olulindelekileyo.
- Ithoni nolwimi luxhomekeke kubudlelwane phakathi kwezithethi nomba ekuxoxwa ngawo.
- Ulwimi oluntsokothileyo lwamkelekile.
- Isiphelo sibalulekile

(25)

## 1.6 AJENDA NEMIZUZU

Umviba kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

### I-ajenda:

- Makabhale isicwangciso senkqubo eza kulandelwa entlanganisweni.
- Makabeke imiba/izihlokwana ekuza kuxoxwa ngazo.
- Umbo ngamnye mawabelwe ixesha.

### Imizuzu:

- Makabhale igama lequmrhu/umhla, indawo nexesha lentlanganiso.
- Irejista yabakhoyo.
- Makabhale okwenzeke entlanganisweni.
- Makabhale imizuzu ehambelana nezihlokwana ezikwi-ajenda.
- Makabhale izindululo ezithathiweyo ngobunjalo bazo.
- Makasebenzise ixesha elidlulileyo.

(25)

## Umsebenzi wesi-4: Intetho elungiselelwego

### Umzekelo 1

Umhla: .....

10

### IMIYALELO

- Zikhethelle isihloko esiva umsindo wakho kwezi zidweliswe ngezantsi/uzenzele esakho isihloko.
- Yenza uphando wandise kolo Iwazi sele unalo ngesi sihloko.
- Lungisa intetho oza kwabelana ngayo nabaphulaphuli bakho.
- Qiniseka ukuba esi sihloko siza kunika imfundiso kubafundi bakho.
- Sebenzisi izincedisi ezifana noonotsheluza, iipowusta, imifanekiso, iPowerPoint, iselula njalo njalo ukuphuhlisa nangakumbi intetho yakho.
- Intetho yakho mayithathe imizuzu emi-4 ukuya kwemi-5.

### IZIHLOKO

1. Isigqibo ekwakunzima ukusithatha
2. Abazali bafanele ukuba ngabahlobo babantwana babo.
3. Umzuzu owatshintsha ubomi bam
4. Izinto ezibangela ukuba ulutsha luzibone lunemingeni emininzi
5. Ukubaluleka kwendalo
6. ITeknoloji ifuna ukuthabatha unyawo kule mihla siphila kuyo
7. Umzimba uyakholwa kukulolongwa

**AMANQAKU EWONKE = 10**

### IINCWADI EZISETYENZISIWEYO

South Africa. Department of Basic Education (2011) iNkcazeloye Polisi yeKharityhulam nokuHlola

Ibanga 10-12 Isixhosa ulwimi Iwasekhaya South Africa: Ndabase Printing Solution  
South Africa. Department of Basic Education (2017) Home language Examination Guidelines South Africa: Ndabase Printing Solution

[www.education.gov.za/Curriculum/NationalSeniorCertificate\(NSC\)Examinations/NSCPastExaminationpapers.aspx](http://www.education.gov.za/Curriculum/NationalSeniorCertificate(NSC)Examinations/NSCPastExaminationpapers.aspx)

## ICANDELO A: IZINCOKO – AMANQAKU

- Sebenzisa le rubrikhi rhoqo xa umakisha izincoko (zephepha lesi-3, Icandelo A)
- Amanqaku ukusukea kweli-0 ukuuya kwangama-50 ahulahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- Imiqangatho yomxholo, ulwimi nesimbo, inqanaba rigalinye kula mahlana lahlulahlulwe kubini, kwakho amanqaku abelwe abo banezincoko ezikwingqwanqwa eliphakamileyo nezo zikwinqwanqwa elingezantsi kwingqanaba ngalinye.
- Isakhiwo asicatshazelwa kukwahahlulwa ngokwenqwanqwa eliphezelu nelisezantsi

Imiqathango	Eggwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefameleklekyo	Eyinxaleny	Engaphumelatela
UMXHOLO NOCWANGCISO	28–30	22–24	16–18	10–12	4–6
(Impendulo nezimvo) Uyondelelwaniso Iwezimvo ngokucwangcisa. Ukuqonda injongo, abantu ekujoliswe kubo kune nesimo sentailo.	-Impendulo igowesile/ inomtsalane, ngaphezu koko bekulidelekile. -Izimvo eziqiqisisiveyo, ezixhokonxa lingcinka neziuthiweyo. -Impendulo elungelelanswe kakuhle ngokugqwasileyo enothungelwano (enonamathelwano) ukuquka intshayelelo, isiqu, ukuqukumbela / nesiphelo.	-Impendulo ixonkxwe ngobugcisa. -Izimvo zihambelana gingci nomxholo kwaye zinomdia zinobungqina bokuyuthwa. -Ilungelelanswe kakuhle kakkulu kwaye iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela / nesiphelo.	-Impendulo iyanelisa. -Izimvo ziyatlungelana noko ziyaqinisekisa ngokuse-mxholeni. - Ilungelelanswe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/ nesiphelo.	-Impendulo avinaluthungelwano lungqinelanayo. -Izimvo azicacanga kwaye ayizizo ezomfundu. -Buncinci ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano lweengcamango.	-Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphelia. -Izimvo ziyanqamananga kwaphelia nomxholo. -Azicacanga kwaye kwaye ziphindaphindiwe. -Azilungelelanswanga kwaye azithungelani.
Inqwanqwa eliphakamileyo Inqwanqwa elingezensti	25–27	19–21	13–15	7–9	0–3
30 AMANQAKU	Kodwa ineendawana esileia kuzo ukuba neempawu ezinomtsalane ogqwesileyo wesincoko esinkenqceza phambili. -Izimvo eziuthiweyo neziqiqisisiveyo. -Izimvo zilungelelanswe ngobugcisa (zinonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo.	-Impendulo ixonkxwe kakuhle. -Izimvo ziyahambelana zinomdia. -Ilungelelanswe kakuhle iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Impendulo eyanelisayo nangona kumana kubakho izikhewu kwingcaciso. -Izimvo ziyanamathelana ngokwaneleisayo kwaye ziyaqinisekisa. -Kukho ulungelelanso olufurmanekayo nothungelwano kwintshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Ubkukhulu becalia impendulo ayihambelani nomxholo. -Izimvo zibonakalisa ukungahiangani nokubhidisa. -Phantse bungabbikho ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano.	-Akukho linge lokuphendula isihloko. -Ayihambelani kwaphelia nomxholo kwaye ayifanelekanga. -Ayingqamananga nomxholo kwaphelia kwaye inobubhu-tyubutyu.

<b>ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA</b>	<b>14–15</b>	<b>11–12</b>	<b>8–9</b>	<b>5–6</b>	<b>0–3</b>
Ithoni, irejista, isimbo sokubhalala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo naksimo sentalo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhalala kunye nesigama ziqaqambe kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentalo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhalala nesigama zifanelekele kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentalo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhalala nesigama azihambelani mpela renjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentalo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhalala nesigama azihambelani neriongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentalo.	-Ulwimi alunantsingiselo. -Ithoni, irejista, isimbo sokubhalala nesigama azihambelani mpela renjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentalo.
esifanelene nenjongo/nesimo sentalo.	-Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyachukumisa ngokugqwasileyo. -Ithoni edhwengula umxhelo nenobuciko.	-Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekleleyo nangokuzinzileyo kwisincoko siphela. -Ubukhulu becalá akukho ziphene kwigramma nopelo.	-Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekleleyo nangokuzinzileyo kwisincoko siphela. -Ubukhulu becalá akukho ziphene kwigramma nopelo.	-Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekleleyo nangokuzinzileyo kwisincoko siphela. -Ubukhulu becalá akukho ziphene kwigramma nopelo.	-Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekleleyo nangokuzinzileyo kwisincoko siphela. -Ubukhulu becalá akukho ziphene kwigramma nopelo.
Uchongo magama.	-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo.	-Sixonkwe kakuhle obukhulu.	-Sixonkwe ngobugcisa obukhulu.	-Sixonkwe ngobugcisa obukhulu.	-Sixonkwe ngobugcisa obukhulu.
Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo, limpawu zokubhalala, igrama, upelo.	<b>13</b>	<b>10</b>	<b>7</b>	<b>4</b>	
Iwdwanqanda eliphakamileyo	Iwdwanqanda eliphakamileyo	-Ulwimi luyakuthimba kwaye ubukhulu becalá luchanekile.	-Ulkwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.	-Ulkwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.	-Ulkwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.
<b>15 AMANQAKU</b>	<b>Elindgezantsi</b>	-Ithoni iqaqamibile kwaye ichanekile.	-Ulkwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.	-Ulkwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.	-Ulkwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.
Iwdwanqanda eliphakamileyo		-Zimbawa iziphene zegrama nopelo.	-Ulkwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.	-Ulkwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.	-Ulkwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.
<b>ISAKHIWO</b>	<b>5</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>0–1</b>
limpawu zodidi Iwesincoko Ukuphuhliswa kwemihlathi nokubunjwa kwezivakalisi.	Iwesincoko Ukuphuhliswa kwemihlathi nokubunjwa kwezivakalisi.	-Ishihoko sikhuliswe ngokugqwasileyo.	-Ulkwimi luyakuthimba kwaye ubukhulu becalá luchanekile.	-Kukho amanqaku asemxholweni.	-Amanqaku asemxholweni awakho.
		-linkcukacha ezigqwasileyo.	-Ulkwimi luyakuthimba kwaye ubukhulu becalá luchanekile.	-Izwakalisi nemihlathi zineemposiso.	-Ulwakiwo lwezivakalisi nemihlathi.
		-izivakalisi, imihlathi zakhiwe ngokugqwasileyo.	-Ziyathungejana.	-Isincoko sisesemxholweni nangona zisekhona iziphene.	Iunobubhutyu-bhutyu.
<b>5 AMANQAKU</b>	<b>43–50</b>	<b>33–40</b>	<b>23–30</b>	<b>13–20</b>	<b>0–10</b>

**ISILOOMELEO B: IRUBRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHI ULWIMI LWASEKHAYA [25 AMANQAKU]**

Imiqathango	Eggwesileyo	Esemqabini negaqambiloyeo	Eyanelisayo netanelekileyo	Eyinxalenyen	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI</b>	<b>13–15</b>	<b>10–12</b>	<b>7–9</b>	<b>4–6</b>	<b>0–3</b>
-Impendulo igqwesile ngaphezu koko bekulindelekle. -izimvo eziqiqisisiweyo nezivuthiweyo. -Ulwazi olunzuu ngeempawu zohlobo lomhlathi obhalilweyo. -Ubhalo lusemxholweni ncakasana. -Ukuthungelana komxholo nezimvo. -Icaciswe nzulu kwave zone inkukacha ziayashasa ishioko. -Ifomathi yamkelekle kwave ichanekile.	-Impendulo esemqabini ebonisa ulwazi oluloo ngeempawu zodidi lomhlathi. -Ukuthungelana komxholo nezimvo, kucaciswe kakuhle kakuhlu kwave neenkukacha zixhassa ishioko. -Ifomathi efanelekileyo eneziphene ezingephi. -Ukuthungelana komxholo nezimvo. -Icaciswe nzulu kwave zone inkukacha ziayashasa ishioko. -Ifomathi yamkelekle kwave ichanekile.	-Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi ngeempawu zodidi lomhlathi. -Aiyiko semxholweni ngokupheleleleyo. -Kukho ukungqamana okungephi okusemxholweni kodwa kukho ukuphamambuka kubhalo. -Akusolojo kukho uthungelano phakathi komxholo nezimvo. -Zimbala inkukacha ezixhaza ishioko. -Ubukhulu becalia ifomathi ifanelekile kodwa kukho iziphene ezingephi.	-Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lveempawu zolu didi ivetekeksi. -Kukho ukungqamana okungephi okusemxholweni kodwa kukho ukuphamambuka kubhalo. -Akusolojo kukho uthungelano phakathi komxholo nezimvo. -Zimbala inkukacha ezixhaza ishioko. -Imigadio eyimfuneko yefomathi isetyenziswe ngokungacacanga. -Imigadio engundoqo yefomathi yetekisi ityeshelwe.	-Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lveempawu zolu didi ivetekeksi. -Kukho ukungqamana okungephi okusemxholweni kodwa kukho ukuphamambuka kubhalo. -Akusolojo kukho uthungelano phakathi komxholo nezimvo. -Zimbala inkukacha ezixhaza ishioko. -Imigadio eyimfuneko yefomathi isetyenziswe ngokungacacanga. -Imigadio engundoqo yefomathi yetekisi ityeshelwe.	-Impendulo ibonakalisa ukundongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlathi. -Intsingiselo ilahlekile kwaye akaktio semxholweni kwaphela. -Awuthungelani kumxholo nezimvo. -Zimbala inkukacha ezixhaza ishioko. -Ayiseteyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi.
<b>15 AMANQAKU</b>	<b>9–10</b>	<b>7–8</b>	<b>5–6</b>	<b>3–4</b>	<b>0–2</b>
<b>ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA</b>	Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwismo sentiao. -Ulwimi luseyenziswe ngokuchanelekileyo kwaye iwkahiwe ngokukuko. -Phantse kungabikho ziphene konke konke. Uchongo magama. Iimpawu zakubhala nopol.	Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwismo sentiao. -Ubukhulu becalia ulwimi luseyenziswe ngokukuko nangokuchanelekileyo. -Isigama sichanele kakuhle. -Ubukhulu becalia akho ziphene.	Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwismo sentiao. -Kukho iziphene ezimbala zolwimi -Isigama esaneleyo. -Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo.	Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asifanelekanga ngokupheleleyo kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwismo sentiao. -Ubukhulu becalia ulwimi luseyenziswe ngokukuko nangokuchanelekileyo. -Isigama sichanele kakuhle. -Ubukhulu becalia akho ziphene.	Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asifanelekanga ngokupheleleyo kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwismo sentiao. -Izele ziziphene yaye iyabhidisa. -Isigama asihambelanii njongo. -Intsingiselo ichaphazeleke ngokukodwa.
<b>10 AMANQAKU</b>	<b>22–25</b>	<b>17–20</b>	<b>12–15</b>	<b>7–10</b>	<b>0–5</b>



222 Struben Street, Pretoria, 0001  
Private Bag X895, Pretoria, 0001, South Africa  
Tel: 012 357 3000 • Fax: 012 323 0601

Private Bag X9035, Cape Town, 8000, South Africa  
Tel: 021 486 7000 • Fax: 021 461 8110  
Call Centre: 0800 202 933

ISBN 978-1-4315-3095-3

### **Department of Basic Education**

 [www.education.gov.za](http://www.education.gov.za)

 [www.twitter.com/dbe\\_sa](http://www.twitter.com/dbe_sa)

 [www.facebook.com/BasicEd](http://www.facebook.com/BasicEd)